Isifo saManqina noMlomo sisifo sezilwanyana esosulela lula sihlasela izilwanayana ezinephuphu elububini.



Ikhrediti Yefoto: Freepik

## FMD AMANYATHELO AQATHA ATHATHIWEYO UKUNCIPHISA ISIFO SE-FMD

- Amaqela asebenza nzima ukuphumeza isicwangciso esinamanqaku angama-21 ukunciphisa i-FMD nokukhusela uqoqosho nemisebenzi.
- Iindawo ezichaphazelekileyo kwiNtshona Koloni jikelele zigcinwe bucala, kunye nezilwanyana ezichaphazelekileyo ezigonywe ngooGqirha beZilwanyana beWCG.
- Iindawo zokuhlola i-FMD zikhona kwiNtshona Koloni iphela ukuze kuncitshiswe ukuhamba hamba kwezilwanyana kwiindawo ezichaphazelekileyo.
- Ukusebenzisana namafama, i-Agri Western Cape, oomasipala basekhaya, kunye nee-arhente zogcino-mthetho ukunqanda ukwanda kwe-FMD.

## YINTONI I-FMD

- **I-FMD sisifo sezilwanyana esosulela lula izilwanayana ezinephuphu elibubini ezifana neenkomo, iigusha, iibhokhwe, kunye neehagu.**
- **Ibangela izilonda ezibuhlungu emlonyeni nasekungqamaneni neephuphu, okukhokelela ekuvuzeni izinkcwe, kubenzima ukutya, kunye nokuqhwalela.**
- **I-FMD ayiBachaphazeli abantu yaye ayingomngcipheko kukhuseleko lokutya.**

## ISASAZEKA NJANI I – FMD?

Intsholongwane isasazeka lula ngoluhlobo:

- Ngokuhamba hamba kwezilwanyana ezosulelekileyo (nangaphambi kokuba iimpawu zibonakale).
- Izithuthi, iinqwelo ezirhiqwayo, kunye nezixhobo
- Iimpahla, izihlangu, kunye nezandla.
- Ukutya kunye nemveliso yezilwanyana


## UNGENZA NTONI UKUNCEDA UKUNQANDA UKUSASAZEKA KWE FMD?

- Mayingahanjiswa imfuyo ngaphandle kokuba inemvume ngokusemthethweni.
- Ungabolekisi ngezixhobo kubamelwane bakho.
- Thenga imfuyo kwimithombo ethembekileyo.
- Cutha ukufikelela kwizilwanyana kwaye, ukuba ukrokrela i-FMD, yahlula imfuyo egulayo kuwo wonke umhlambi.
- Coca rhoqo kwaye ubulale iintsholongwane kuzo zonke iindawo, izithuthi, izihlangu kunye nezixhobo.
- Yazisa, uxele naziphi na iimpawu ezikrokrelekayo kugqirha wakho wezilwanyana okufutshane ngoko nangoko.

## KUFUNEKA NTONI NGOMTHETHO KWI-FMD?


Phantsi koMthetho weZifo zeMfuyo:

- Ukuhanjiswa kwazo zonke iinkomo, iigusha, iibhokhwe, kunye neehagu makukhatshwe ngamaxwebhu apheleleyo, aquka:
- Isibhengezo/inkcazo yempilo evela kwindawo ezisuka kuyo.
- Isibhengezo sendawo ezisiwa kuyo esiqinisekisa ukuhlaliswa bucala iintsuku ezingama-28.
- Ukuhanjiswa kwemfuyo makwaziswe/ kubhengezwe kwi web application evumelekileyo.



Ukungathobeli oku kulityala. Ukuba ukrokrela naziphi na iimeko ze-FMD, qhagamshelana noGqirha Wonyango Lwemfuyo we WCG okufutshane ngokuskena iKhowudi yeQR.

## IMEPHU YE-FMD




## KUTHENI ABANYE ABASEBENZISI BENDLELA BEMISWA?

- Isifo samanqina nomlomo (FMD) siqinisekisiwe kwiindawo eziseNtshona Koloni.
- Iindawo zokuhlola ziyinxalenye yamanyathelo olawulo olungxamisekileyo ukuthintela ukwanda kwesi sifo kunye nokukhusela imfuyo, amafama, imisebenzi kunye nokhuseleko lokutya.

### AMAKHONKCO ALUNCEDO

- Yazisa uxele ukuhamba hamba kwemfuyo: **https://tinyurl.com/AnimalMovementApp**
- Iinkcukacha ezibalulekileyo zamafama kunye nabahambisi bemfuyo: **www.elsenburg.com/western-cape/infopaks/**
- Imibuzo eSoloko iBuzwa nge-FMD: **www.elsenburg.com/western-cape/frequently-asked-questions/faq-foot-and-mouth-disease/**

URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO